
## INGABA ULUMKILE NA NGOKUPHATHELELE KWIKHAYA? UYAZAZI NA EZINYE IINDLELA ZIKARHULUMENTE WAKHO ZOKUKHETHWA KWEZINDLU?

**Ukuba uzuza umvuzo ophakathi kwama R3 501 ukuya kuma kwi - R7 500 ungangofanelekileyo koku:**




**Ungafaka isicelo ngokuhambela iOfisi yeZindlu kaMasipala ekufutshane kuwe.**

Yiba **NOBULUMKO BEKHAYA** kwaye masiqwebele ikamva elingcono xa sibambene.

# INGABA UMVUZO WAKHO WENYANGA UPHAKATHI KWAMA R3 501 – R7 500 NGENYANGA?

**Ukuba umvuzo wakho uphakathi kwama-R3 501 kunye nama-R7 500 ngenyanga, ungafaneleka kwenye yezi nkxaso zoncedo lwezindlu neenkqubo zikaRhulumente zilandelayo. Ukuze ufikelele kwenye yezi nkxaso zoncedo, kufuneka ubhalise kwimbango yeenkcukacha zezindlu kumasipala wakho okufuphi kuwe.**

## IHELP ME BUY A HOME / IFLISP

Olu Ncedo lwenkxaso lungasetyenziswa ngabathengi bokuqala bezindlu ukuthenga ipropati yabo. Inganakho nokusetyenziswa ukuthenga isiza sokuhlala esinikwa iinkonzo okanye ukwakha indlu entsha kwistendi eso sokuhlala esel'isesakho kakade. Amancedo enkxaso ayabonelelwa kuxhomekeka kumgangatho womvuzo wakho kwaye angasetyenziswa ukuhlisa intlawulo yemali-mboleko yekhaya lakho yenyanga. Oku kuza kwenza imali-mboleko yakho ifikeleleke. Ixabiso loncedo lwenkxaso lisekwe phezu komvuzo wekhaya lakho kwaye lihamba phakathi kwama-R30 001 ukuya kutsho kuma-R130 505. Xa imali-mboleko yekhaya lakho ithe yamkelwa, unganakho ukwenza isicelo esithe ngqo kwiSebe lokuHlaliswa koLuntu eNtshona Koloni ukuze ufumane uncedo lwenkxaso lwenkqubo iHelp Me Buy a Home / FLISP.

## ULUNGISELELO OLONGEZIWEYO NOLWANDISIWEYO LWENZUZO YESAPHULELO

Le Nkqubo iza kukunceda ukuba ube nguMnini-khaya wezindlu zikaRhulumente ezirentwayo zangaphambi ko-1994 (kumasipala nephondo). Ukuba ngaba ubusoloko urenta ipropati kaRhulumente okokoko kwangaphambi ko-1994, unganakho ukufaneleka kule nkqubo. Abanye ooMasipala sebedlulisele ubuninzi bezindlu zabo kubaqeshi abaye basebenzisa uLungiselelo lweNzuzo yeSaphulelo. Ukufaka izicelo kunye nemibuzo zingenziwa ngqo kumasipala okufuphi nawe.

## INKQUBO EHLANGANISIWEYO YOPHUHLISO LWEENDAWO ZOKUHLALA (IRDP)

Ngolu Ncedo lwenkxaso unakho ukufumana umhlaba, unikezele iinkonzo kwisiza yaye ukwazi ukwakha ikhaya. Ibonelelwa kuMasipala weNdawo. Ukufaka izicelo kunye nemibuzo kungenziwa ngqo kumasipala okufuphi kuwe.

## UZINDLU ZABANTU EZIRENTWAYO

Ngolu Ncedo lweNkxaso unganakho ukufikelela kwiZindlu eziRentwayo okanye kugumbi okuhlala. Inkxaso kaRhulumente iyabonelelwa kuMaziko eZindlu eziRentwayo ukulawula izindlu ezihlawulelwa irente. Uhlawula ngoko isixa-mali esithotyiweyo serente, nesisekelwe kumvuzo wekhaya lakho, kwiZiko leZindlu eziRentwayo. Imibuzo kunye nokufakwa kwezicelo kungenziwa ngqo kumasipala okufuphi kuwe.

## UNCEDO LWENKXASO LWAMAZIKO

Ngolu Ncedo lweNkxaso unganakho ukufikelela kwizindlu ezirentwayo okanye kumathuba okurenta ngeenjongo zokuthenga. INkxaso kaRhulumente iya bonelelwa kuMaziko eZindlu ukuze akhe aphinde alawule izindlu ezirentwayo. Uhlawula ngoko isixa-mali esithotyiweyo serente, nesisekelwe kumvuzo wekhaya lakho, kwiZiko leZindlu. Imibuzo kunye nokufakwa kwezicelo kungenziwa ngqo kumasipala okufuphi kuwe.

Nceda qhagamshelana neSebe lokuHlaliswa koLuntu ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe:

Hambela kwa27 Wale Street, eKapa
Tsalela iDesika yoNcedo apha kule minxeba ilandelayo: 021 483 6488/0611/8984
(NgoMvulo ukuya kutsho NgolweSihlanu ukusukela ngentsimbi yesi- 07:30-15:00)

Email human.settlements@westerncape.gov.za; or
Hambela iwebhusayithi yeSebe:
**www.westerncape.gov.za/dept/human-settlements**

URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
UkuHlaliswa koLuntu